

**INDLELA YOKUZENZELA
UMXUBE WEBHLITSHI
WOKUBULALA
INTSHOLONGWANE
KUMPHANDLE WEZINTO
UKUNQANDA
UKUNWENA KWE-
COVID19**

1.

XUBA amatisipuni amathandathu (30 mℓ) ebhlitshi kwi-1 ℓ yamanzi okanye itisipuni libelinye elinesiqingatha kunye nekomityi ibenye yamanzi.



2.

HLUKUHLA tumxube webhlitshi kakuhle.



3.

COCA zonke indawo eziphathwa kroqo. Sebenzisa isepha eqhelekileyo yasekhaya okanye isibulali zintsholongwane.



4.

YOSULA iindawo rhoqo ngesephu yasekhaya okanye ngesibulali zintsholongwane, ngaphambi kokuba usebenzise umxube webhlitshi.



5.

TSHIZA OKANYE UFAKE umxube webhlitshi ngelaphu elicocikileyo kwiindawo eziphathwa rhoqo.



6.

Vumela umxube webhlitshi ukuba **UHLALE** imizuzu emibini kulendawo ifuneka ibulawe intsholongwane.



7.

YOSULA ngelaphu elimanzi elicocikileyo (amanzi kuphela)



8.

PHINDA uhlambe kananjalo ubulale intsholongwane rhoqo.



ISILUMKISO:

- Musa ukuxuba ibhlitshi kunye nayiphi na imveliso yokucoca. Oku kuyakudala okokuba lo mxube ubenobungozi.
- Qinisekisa ukuba kukho impepho eyaneleyo apho kusetyenziswa khona umxube webhlitshi.
- Wuphawule umxube webhlitshi awubeke kude apho abantwana banokufikelela khona.
- Wugcine umxube webhlitshi kwisiphatho esivaleka kakuhle (Evaleka vingci)
- Musa ukuwuginya okanye uwusele umxube webhlitshi. Unobungozi kakhulu.
- Musa ukubamba ubuso bakho ngaphambili nasemva kokuba ubulele intsholongwane ngomxube webhlitshi.
- Hlamba izandla zakho ngesepha namanzi imizuzwana engama-20 emveni kokuba uyisebenzisile.
- Musa ukubeka umxube webhlitshi kwindawo apho ilanga lingena ngqo.
- Lahla umxube oshiyekileyo kwidreyini (Yogutyulo lwelindle, ingeyiyo leyo yokukhukuliseko lwamanzi okanye esitalatweni)
- Yenza umxube omtsha yonke imihla.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Hlamba izandla. Bulala intsholongwane kwindawo ezingaphandle. Gcina umgama.

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.